



INKQUBO YE-INTANETHI YOKUGCINA IINKCUKACHA ZOGONYO (I-EVDS) IMIBUZO NEEMPENDULO

1. Kufuneka ndenze ntoni ukuba ndibhalisile kwi-EVDS kwithuba elidlulileyo kwaye andafumana mpendulo endinika umhla wedinga?

Ukuba ubhalisile, ithuba lakho ngokuqinisekileyo liza kufika. Usezincwadini zethu kwaye nje ukuba isithuba sibekho sedinga kwindawo yokugonya kwindawo yakho uza kufumana i-SMS. Nceda ube nomonde; asiyi kushiya namnye ngasemva kwiphulo lokugonya isizwe sethu.

2. Ndifanele ukuba ndilinde ixesha elingakanani ukuze ndenzelwe idinga?

Ixesha oza kulilinda phambi kokuba ufumane i-SMS ekunika idinga liza kuxhomekeka kwini lamaziko okugonya akhoyo kwindawo ohlala kuyo. Njengokuba kuvulwa iindawo zokugonya qho ngeveki, amathuba okufumana idinga aza kuvuleleka kwaye uza kwaziswa ngokukhawuleza ngedinga lakho.

3. Ndibhalisile kwi-EVDS kodwa andafumana saziso?

Emva kokubhalisa kwi-EVDS kufuneka ufumane iSMS engqina ukuba ubhalisile kwaye usemgceni olungiselela ukuba ufumane ugonyo. Ukuba awuyifumenanga le SMS, nceda ubuyele ku vaccine.enrol.health.gov.za ukuqinisekisa ukuba ungenise ngenene na ngokuthi ufake inombolo yakho yesazisi.

4. Ndibhalise phambi kwabanye kodwa andikafumani mpendulo.

I-EVDS isebenzisa imigaqo efanayo kuye wonke umntu kwabo basebenzisa izibhedlela zabucala kwakunye nabo basebenzisa izibhedlela zikarhulumente. Into yokufumana idinga ixhomekeke kwini leendawo zokugonya ezikhoyo kwindawo ohlala kuyo. Kukwaxhomekeke nakwixesha olikhethileyo umzekelo, intsasa okanye emva kwemini phakathi evekini okanye ngeempelaveki. Abasebenzi bezeMpilo bayaqhubeka nokugonywa kwaye bona bagonywa kuqala kunabanye abantu ukuqinisekisa ukuba bayakwazi ukuncedisa kwidabi lokulwa i-COVID-19 ngaphandle kokubeka ubomi babo esichengeni. Umzekelo, ukuba uhlala kwindawo apho kukho iindawo ezininzi zokugonya, uza kufumana i-SMS ngokukhawuleza kunomntu ohlala kwindawo apho kukho iindawo zogonyo ezimbalwa.

5. Ndibhalisile kwi-inshorensi yam yezonyango (i-medical aid)); ingaba ikhona

imfuneko yokuba ndibhalise kwi-EVDS?

Ezinye ii-inshorensi zonyango ziya kucela ukuba ubhalise kuzo ukuze zikwazi ukuthumelela ulwazi malunga nogonyo. Nangona kunjalo, kusafuneka ukuba ubhalise kwi-EVDS. Kukuphela kwendlela onokwenza ngayo idinga, nokuba uza kugonywa kwisibhedlela sabucala okanye kwesikarhulumente, okanye une-inshorensi yezonyango.

6. Ndine-inshorensi yezonyango; ingaba kufuneka ndilandele inkqubo efanayo nale ilandelwa ngabantu abasebenzisa iinkonzo zempilo zikarhulumente?

I-inshorensi yakho yonyango kufuneka ilandele imigaqo yogonyo kazwelonke njengoko kuchaziwe liSebe lezeMpilo. Ii-inshorensi zonyango zivumelekile ukugonywa abantu abaneminyaka yobudala ethile njengoko kwabhengezwa liSebe lezeMpilo. I-EVDS iya kukubuza ukuba unayo na i-inshorensi yezonyango. Ukuba unayo, kuya kufuneka ufake igama le-inshorensi yezempilo leyo kunye nenombolo yakho ye-inshorensi yezonyango. Ubuxhaka-xhaka bethu buza kuzama ukuthumela abantu abangamalungu e-inshorensi yezonyango kumaziko okugonywa abucala (ukuba akhona kule ngingqi uhlala kuyo) kodwa banganikwa idinga kula maziko okugonywa karhulumente.

7. Nditshintshe idilesi yam, ndiyilungisa njani loo nto kwi-EVDS?

Buyela kwi-EVDS uze ufake iinkcukacha zakho ezintsha. AKUZIKUBAKHO zinkcukacha ziphinda-phindiweyo zakho ukuba nje usebenzise la nombolo inye yencwadi-sazisi (i-ID) yakho. I-EVDS iza kusebenzisa le nombolo yakho ye-ID ize yenze utshintsho kwiinkcukacha zakho. I-EVDS yenzelwe ukujongana notshintsho kunye nohlaziyo kwinkcukacha zakho.

8. Ndingaya kwenye indawo yokugonywa engeyiyo le bendiyinikiwe?

Sikhuthaza ukuba bonke abo bafumene isaziso sedinga ukuba baye kule ndawo yokugonywa bayinikiweyo. Oku kuza kuqinisekisa ukuba uya kugonywa ngexesha ledinga lakho njengoko ithamo lechiza lokugonywa lakho sele libekelwe wena.

Nanjengoko siye sanemiceli mngeni kwiveki yokuqala yenkqubo ngabantu abavele bafike bengenadinga lokugonywa, amasebe ayacelwa ukuba AWUYEKE lo mkhuba. Umthamo wezitofu ezithunyelwa kumaziko okugonywa ahlukeneyo ubaliwe. Siqinisekisa ukuba inani lamathambo echiza lokugonywa esiwathumela kwindawo nganye yokugonywa lilingana nenani labantu ababhalise kuloo ndawo ngolo hlobo siqinisekise ukuba kukho amachiza okugonywa aneleyo akhoyo kwindawo nganye yokugonywa ntsuku zonke.

Ukuya kwiindawo oyabelweyo kukwasivumela ukuba siqhubele phambili ngogonyo lwethu ngendlela efanelekileyo. Oku kuthintela abantu ukuba bahlangane bebinzi besenza "iindibano ezinkulu" kwindawo enye yokugonywa, into leyo inokubangela ukuba ezi ndawo zibe ngamaziko asasaza le ntsholongwane.

9. Ingaba i-EVDS igqiba njani ukuba yeyiphi na indawo yokugonya ekuthumela kuyo yedinga?

I-EVDS izakunika ngokuzenzekelayo indawo ekufutshane nedilesi yasekhaya yakho okanye eyasemsebenzini oyifakileyo. Kwiindawo ezisezidolophini, uza kuthunyelwa kwindawo ekumgama ozikhilomitha ezili-10 ukusuka kule dilesi yakho uyinikileyo kuze kwimimandla yasemaphandleni umgama ube zikhilomitha ezingama-30 ukusuka apho uhlala khona okanye usebenza khona. Ixesha oza kulinikwa lokuya kugonywa liza kuxhomekeka kwixesha wena olikhethileyo lokugonywa ngethuba ububhalisa, umzekelo intsasa okanye emva kwemini phakathi evekini okanye ngeempelaveki.

10. Kuza kwenzeka ntoni ukuba ndisuke ndaziyela kwindawo yokugonya ndingenadinga?

Sibongoza abantu ukuba BANGAYI bengenzanga idinga. Ukuvela uye nje kwindawo yokugonya akuthethi ukuba uza kugonywa kwangoko. Iindawo zokugonya zinokunceda ukubhalisa abantu abaneminyaka engama-60 nangaphezulu kwi-EVDS. Ukubhalisa kwangaphambili usebenzisa i-intanethi kunye nokunikwa ixesha oza kugonywa ngalo yeyona ndlela ilungileyo yokuqinisekisa ukuba uyalifumana ithontsi lakho lokugonya.

11. Kwenzeka ntoni xa uthe waphoswa lidinga lakho lokugonywa?

I-EVDS iya kukucwangcisa ngokunokwayo elinye idinga futhi ikuthumele i-SMS enomhla wedinga elitsha. Uza kunikwa amathuba amathathu okwenza idinga - idinga olenze kuqala kunye namanye AMABINI ongeziweyo kwelo lokuqala. Ukuba awukwazanga ukwenza amadinga, kuza kufuneka utsalele umnxeba kwinombolo yoncedo ye-COVID-19 ethi: 0800 029 999 ubacele bakubhalise kwakhona. linkcukacha zakho zobhaliso ziyagcinwa kwi-EVDS. Noko kunjalo, i-EVDS ayizukukwazi ukuba usekhefini, ukude, uyagula okanye uswelekile, ke ngoko kufuneka wena uchaze ngokwakho.

12. Kufuneka ndenze ntoni xa ndingenalo naluphi na uhlobo lokuzazisa?

ISebe lezeMpilo lisebenza kwinkqubo eza kuvumela abantu abangenazo izazisi ukuba bagonywe. linkcukacha zale nkqubo ziya kwaziswa kungekudala. Isicwangciso kukukwazi ukubonelela bonke abafuduki abangenazo iimpepha kunye nabantu abangenazo izazisi.

13. Ndingabhalisa njani ukuba andinako ukufikelela kwi-intanethi?

Abo bangenayo i-intanethi okanye iiselula zale mihla bangabhalisa nge-SMS ngokucofa u-* 134 * 832 * bakugqiba bafake inombolo yabo ye-ID ilandelwe yi-#, ukuba umntu akanayo inombolo ye-ID, makacofe u-*134*832#. Abantu bangabhalisa nakwinombolo ka-*Whatsapp* ye-COVID-19 ngokuthumela u- "REGISTER" ku-0600 123 456. linkonzo zobhaliso ze-SMS kunye ne-*WhatsApp* azihlawulelwa; akukho mfuneko yokuba ube nedatha okanye imali yokufowuna (i-*airtime*) ukuze ukwazi ukubhalisa.

Ukuba awunakho ukusebenzisa nayiphi na kwezi ndlela, ungaya kwiziko lezempilo ucele abasebenzi ukuba bakuncede. Uninzi lweenkokheli zasekuhlaleni (ezenkolo, ezopolitiko, ezemveli kunye nezamashishini) zithembisile ukuba nazo ziza kubanceda abantu ukuba babhalise kwi-intanethi. Cela ummelwane okanye umntu oselula onazo futhi nokwaziyo ukusebenzisa ezi zixhobo zokubhalisa.

14. Ingaba abantu abaneminyaka yobudala engaphantsi kwengama-60 banokubhalisa kwi-EVDS?

I-EVDS izibalela ngokwayo iminyaka yakho yobudala ngokujonga kwinqanaba lakho ye-ID ize ikuxelele ukuba umncinci kakhulu ukuba ungagonywa ngoku. Inkqubo yokugonywa isebenzisa iminyaka yobudala, endaweni yezifo umtu asele enazo ize ikubalele ukuba uza kugonywa nini na. UMphathiswa wezeMpilo uza kubhengeza ixesha abaza kuvulelwa ngalo ukuba babhalise abanye abantu abaneminyaka engeyiyo le ingama-60.

Iziphumo zophando zibonisile ukuba iminyaka yobudala nguwona mqondiso unokusetyenziswa kunezifo ezinganyangekiyo umntu asele enazo xa kujongwa abantu abasemgqibekweni wokuphelela esibhedlela okanye wokubulawa yi-COVID-19 na. Uninzi lwezifo ezinganyangekieyo zixhaphake kakhulu kubantu abadala.

15. Yintoni ekufuneka ndiyenzile ukuze ndibhalise kwi-EVDS?

Ukuze ubhalise kwi-EVDS kufuneka ube ne-ID yakho okanye inombolo yepaspoti kunye nekhadi le-inshorensi yakho yezonyango (ukuba unayo). Inyathelo lokuqala kukugcwalisa ifom yokubhalisa eku-intanethi ngezi nkukukacha zakho zilandelayo: Igama nefani, Umhla wokuzalwa, isini, idilesi ye-imeyile, inombolo yeselula kunye nendawo yokusebenza okanye yokuhlala.

Uyakufumana iSMS eqinisekisa ukuba ubhalisile kwaye ukuluhlu lwabanru abaza kugonywa. Xa ilithuba lakho lokugonywa, i-EVDS iza kuthumela i-SMS enomhla kunye nendawo oza kugonyelwa kuyo. Ukuba awunayo iselula okanye idilesi ye-imeyile, ungaya kwiziko lezempilo uze ucele abasebenzi bakuncede.

16. Kwenzeka ntoni kwiinkukacha zam endizinikezela nge-EVDS?

Iinkukacha ozinikezele ngethuba ubhalisa zanceda ekucwangciseni, njengoko iinkukacha ezikwi-EVDS zanceda urhulumente akwazi ukubala umthamo wechiza lokugonywa oza kuthunyelwa kwindawo yokugonywa nganye. Ngokusebenzisa i-EVDS urhulumente unokuqinisekisa ukuba kukho amachiza okugonywa awoneleyo akhoyo ngosuku oluthile lokugonywa. Ezi nkukukacha zikwasetyenziselwa ukunxibelelana nawe malunga nenkqubo yokugonywa xa kukho imfuneko. Zonke iinkukacha ezikwi-EVDS zigcinwe ngokukhuselekileyo kwaye i-EVDS isemthethweni.